

ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG

UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI

ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBÉ
INQANABA ELIPHEZULU
(Iphepha Lokuqala)

IXESHA : 2 ½ iiyure

AMANQAKU: 100

IMIYALELO:

- Eli phepha linamacandelo amathathu u-A, B no C.
- Phendula yonke imibuzo ngokupheleleyo.
- Bhala isiXhosa esisulungekileyo.
- Qwalasela amanqaku xa uphendulayo.

ICANDELO A

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo engezantsi:

Minyaka le ngamawaka-waka abantu abathi baphulukane nobomi babo ezindleleni ngengozi yemoto. Nangona iingozi zendlela zisenzeka mhla le , inani lazo liyaxhuma ngexesha leeholide zikawonke-wonke ezinjengePasika, iKrisimesi, unyaka omtsha , njalo-njalo. Osindileyo ekufeni ushiyeka esisilima esihamba ngezinti okanye ngesitulo esiqhutywayo esinamavili. Osindileyo ekulimaleni ushiyeka eneziva ezibi eziza kuhlala zisisikhumbuzo sengozi. Osindileyo eziveni ushiyeka enombono omasikizi wengozi yemoto engqondweni yakhe. Osindileyo embonweni ombi uhlala enexhala lengozi ngalo lonke ixesha ekhwela imoto.

Imoto iluncedo kakhulu eluntwini kule mhla kuba isisithuthi esikhawulezayo. Abantu bayakwazi ukufikelela kwiindawo ngeendawo ngexeshana nje elingephi. Ogulela ukubhubha imenza adibane nogqirha okanye nesibhedlele ngokukhawuleza okukhulu. Iyasiphangelisa, isisa emitshatweni nasemingcwabeni. Xa sikhenketha ngexesha leholide sihamba sibona iindawo ngeendawo, sisebenzisa yona. Kwa le moto iluncedo kangaka iyakwazi ukujika ibe ngumbulali ongenalusini ngelinye ixesha. Ingaba yimoto buqu le inobungozi okanye ngumntu osemva kwevili? Ubungqina balatha ukuba ngelinye ixesha iba yimoto ngelinye ibe ngumqhubi. Maxa wambi akukho nento le inemoto nomqhubi koko ziimeko ezithile esingenakuzilawula.

Zininzi izinto ezinokubangela ingozi yemoto endleleni. Iyenzeka into yokuba kuthi kanti kukho ndawana ithile eyaphosakalayo apha emotweni kwa isenziwa emva efektri. Wena akulibali uhamba ngemoto entsha kraca kanti ngalo lonke elo xesha ukhwele ingozi. Athi amaXhosa xa ethetha akukho nzwana ingenasiphako. Ngelinye ixesha ithi ibaleka imoto ngamendu aphezulu suke kupoqe ivili okanye ligqabhuke, yeka ke ukuyishiya kwayo indlela nokuphequka kwayo.

Imeko ekuyo indlela ehamba imoto inegalelo elikhulu enalo kwicala lengozi. Endleleni yomhlaba kuvuka uthuli olumtsho umqhubi wemoto elandela emva kwenye angaboni eve

selentitheka okanye aqabuke sele seyela. Indlela yomhlaba enomhlaba okhululekileyo ngaphezulu yenza ukuba imoto ityibilike, ufike isenza loo "mjayivo" wokusuka kweli cala iye kweliya ibe ibuye kwakhona. Andisathethi ke xa ithatha idolo elibukhali lendlela, iba ngucimi-cimi. Indlela enemingxunya neentanda ezibanzi inobungozi kuba iyamnyanzela umqhubi ukuba ahambe ephepha-phepha. Indlela emxinwa inezayo iinkathazo ezibangela ukuba iimoto zigruzulane ngamacala okanye enye ingene kwenye ngobuso. Xa imvula isina ziyatyibilika ziye kweyela iimoto okanye zixinge eludakeni kwindlela yomhlaba.

Imo yezulu embi ingunobangela weengozi ezininzi. Ithi xa seyikhasa kanye inkungu itsho umqhubi angaboni konke. Kuba nzima ukubona imoto eza ngaphambili okanye ngasemva. Kuba nzima ukubona umgca omhlophe olapha embindini wendlela, ithi kanti imoto seyihamba kwelinye icala lendlela. Isilwanyana esinqumla indlela okanye esiqungquluzileyo apha endleleni asibonakali xa kunkungu, othuswe sisithonga umqhubi. Ngelinye ilixa indlela iba mhlophe qhwa likhephu eliyitsho ibe mtyibilizi. Iimvula ezinkulu eziza nezantyalantyalama zamanzi zidudula iimoto, zidilize iibhloro, zikroboze neefestile zeemoto xa zikhathwa ngamatye. Imimoya emikhulu incothula imithi neengcambu zayo ethi yona ixabe endleleni okanye iwele iimoto ezidlula ngendlela itsho ibe bubutyobo.

Zivuthulukile iimoto zabantu – yaphuma nemiphefumlo emininzi – ngenxa yempahla ebhadula ezindleleni ingenabakhapheli. Ihashe nenkomo zezona zinobungozi ngenxa yobukhulu nokomelela kwazo. Imoto iyakwazi ukungena iphelele ehasheni okanye ishiye umgaqo ngokungekho mbekweni xa ithi ngelayo izama ukuphepha. Izilwanyana zasendle ezinjengamaqhude, ezisuka zinqumle indlela emini nasebusuku zibaleka, ziphuma nodlolwazana. Iingozi ezibangelwa zizilwanyana zixhaphake kwiindawo ezingenalo ubiyo nakwiindawo ezibiyiweyo kodwa ezinamathuba okanye kwiindawo apho amasango angavalisiswanga.

Abantu abahamba ngenyawo nabo bayazibangela iingozi ezindleleni. Kukho abantu abanomkhwa ombi wokuhamba kanye apha endleleni bayeke umgaqwana owenzelwe bona osecaleni kwendlela. Ithi apho ipopoze khona imoto atsibele ngaphakathi endleleni umntu ngenxa yokothuka ibe ke nayo seyifikile. Ngelinye ixesha omnye "utyile", ufike egxadazela phakathi endleleni esisisulu sokungqutywa yimoto. Abanye abantu basuke banqumle indlela bengakhange baqale bajongajonge macala. Abantwana abathanda ukukhabana nebholo endleleni bazibizela ibhokisi emnyama ikude. Ngumkhwa ombi lo oxhaphake kakhulu phaya ezilokishini apho kukho izitalato zetha. Iimfama, izithulu, nabagugileyo abakwazi kuyibona nakuyiva kakuhle imoto xa isiza, anqumle umntu kanti seyiphezu kwakhe.

Ubhelu lomsele aludibani neveli le moto kodwa kukho abantu abazidibanisayo ngenkani ezi zinto zimbini sibe sibi isiphumo soko. Ngeempela-veki, ngeempela-nyanga nangamaxesho olonwabo onyaka anjengeKrisimesi abantu abaninzi bahlobana nembodlela kakhulu baze emva koko bafune ukuqhuba. Bakho abade babe nerikolo yokuba kukona baqhuba kakuhle kanye xa "befumene". Utywala buyayilukuhla ingqondo aqiniseke umntu ukuba uza kukwazi ukuyilawula kakuhle inqwelo. Enyanisweni siyazi ukuba akuye kube njalo kuba kabku udlomdlayo yena akaqheliseli ngoku kanye selesithi umntu umqhelile. Unenkani kunene umqhubi okhe wadlula ebhekileni, engasoze avume ukunikezela ngezitshixo zemoto yakhe komnye umntu.

Akwakho namatshamba kubaqhubi abasengamagatyana ingakumbi xa zibombelela ngamantonyelo iintombi.

Amaxesha empucuko sisingise phi na? : Mazizandile Yekela

- 1.1 Ngawaphi amaxesha onyaka aneengozi zendlela ezininzi? Nika abe mathathu. (3)
- 1.2 Naba ngenkxwaleko enyameni nasemphefumleni, abasala bekuyo abo basinde ezingozini. (4)

- 1.3 Luyintoni uncedo lwemoto eluntwini jikelele. Xela izinto zibe ntathu. (3)
- 1.4 Siphinda siyigxeke ngantoni imoto? (1)
- 1.5 Ingaba imoto le nomqhubi wayo zasoloko zingunobangela wengozi? Cacisa. (1)
- 1.6 Inaziphi iingozi indlela yomhlaba emotweni. Nika naziphi na ezintathu. (3)
- 1.7 Imozulu yona inaliphi igalelo ezingozini zemoto. Nika naziphi na ezintathu. (3)
- 1.8 Imfuyo iyibanga njani ingozi yemoto. Nika ezona zilwanyana ziyingozi zibe zibini. (2)
- 1.9 Athetha ntoni la mabinzana:
- 1.9.1 Ubhelu lomsele. (2)
- 1.9.2 Abantu abaninzi bahlobana nembodlela. (2)
- 1.9.3 Isantya esihambisa umzimba. (2)
- 1.9.4 Akwakho namatshamba. (2)
- 1.9.5 Abasengamagatyana. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: [30]

**ICANDELO B
UMBULO 2**

ISISHWANKATHELO

- 2.1 Shwankathela esi sicutshulwa silandelayo ngamagama angama – 40.

Waqonda ngoko uThemba ukuba zimtshela, wabulela nje indawo yokulala kodwa efixekile ngumsindo. Akazange afumane nelincinci ithuba lokuba athethe noNosisa, engazange abuzwe nemvelaphi. Ngoko naye waqonda ukuba makangazinqikeli ilitye lithe mome zimbovane. Into kaSiwundla yayithe cwaka, ingenzi nelimdaka, nto leyo yenza kwalucwangco kuloo ndlu umntu ngamnye esidla awentloko yakhe. Wathi uThemba ebelindele umandlalo neengubo, kwasuka kwasa phandle kuhleliwe ngohlobo olunye. Into eyabangela loo nto uNosisa wathi akukrwaqula uLizo wafika engonyamile, nto leyo yamenza woyika ukuba athethe nabo phambi kokuba balale. Kwasa kuhleliwe imidiza iphelile kumanene lawo omabini. Kwathi ukuba kuthi qheke ukusa uThemba akalinda axelelwe ukuba kusile, engazange abuze nendlela esingisa eBhayi koko walivevula. Ekuseni njalo wachola uduladula wakwaLoliwe oya eBhayi ngoko wakhwela. Endleleni esinga eBhayi waqala phantsi ukuzikisa, ecinga eqala mhla wakhupha imali yakhe encedisa uNosisa ekwakheni elo pomakazi lakhe. Wathi akufika kweso sithuba wagixa umfana, akagixa nje wabhombolza engqukruleka phakathi kwaloo nginginya yabantu eyayikuloo duladula.

Ukususela ngoko uThemba akazange aphinde akufumane ukonwaba, waqonda ukuba lihlome lagqiba, nto leyo yamenza aqonde ukuba iindudumo ezazikhankanywe kwanguye zifikile.

Emva eRhawutini uNosisa wayethe zava onwabile, noSiwundla emqhathe walibala ngoThemba. Kwindawo ekonwatywa kuyo babelapho bobabini. Ngenye imini uMnumzana Siwundla wamcela ukuba baye emdanisweni elokishini, walandula uNosisa ngelithi umdaniso unomdla kakhulu kuwo kodwa akanakho ukuya kuba engaphilile.

(Ntiziyo ungumkhohlisi : E.L. Xametsata – Shuter & Shooter)

AMANQAKU ECANDELO B: [10]

**ICANDELO C
UMBULO 3**

3.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo 3 no 4

Ekufikeni kwakhe ubawo ekhaya, waziqokelela zonke imazi wazivalela ebuhlanti. Wakhetha ezo zazikrale imibele kuphela. Iinkabi zona namathole zasala zibhuqa amabele entsimi kaZolile.

Yavela indlandlatheka kakade inkwenkwana kabawokazi ithe qhiwu ithunga kunye noswazana lokubethelela. Wanga ubawo angathi mayikhe iqale ikreze le nkewana, ukuthambisa umsileko kwezi mazi, kodwa wabuya wayeka. Yayibhodlela phezu liphants'ukutyekenza ihluthi isele nembila.

Yacaca mhlophe ingozi engenzeka xa enokuyikrezisa ihluthi. Wasenga ke ubawo inkwenkwe imile igade amathole. Yayivuma iingonyana zayo le ntwana esenga ubawo. Mna ke ndabafumana besasenga. Ukuthutha amathunga aphuphuma ubisi yaba ngumsebenzi wam. Ndasoloko ndifika kusengwa. Ndaphiwa amasi nentloya ndasela. Ukusela intloya bubukrelekrele.

3.1.1 Kwisivakalisi sokuqala kukho izihlomelo ezithathu. Bhala ezibini zokuqala uxele udidi lwazo ngasinye (Zikumqolo wokuqala)

Dwelisa impendulo yakho ngolu hlobo:

Izihlomelo	Udidi
1.	1.
2.	2.

(2)

(2)

3.1.2 Bhala isihlomelo sesithathu esisekugqibeleni. Sebenzisa isithetha-ntonye saso kwisivakalisi sakho kucace ukuba uyasazi, ingesiso esisesicatshulweni.

Dwelisa ngolu hlobo:

Izihlomelo _____ (1) Izithetha-ntonye _____ (1)

Isivakalisi _____ (2) (4)

3.1.3 Kwisivakalisi sesibini nesesithathu kukho izimelabizo ezithathu. Zibhale uxele nokuba ziziphi na.

Dwelisa impendulo:

Izimelabizo	Udidi
1.	
2.	
3.	

(6)

3.1.4 Sebenzisa ezaa zimelabizo uzixele ku 3.1.3 kwezakho izivakalisi ubonise ukuba nawe uyazazi. (2 x3)= (6)

UMBUZO 4

4.1 Ibinzana “zasala zibhuqa” libonisa izenzi ezikuhlobo lolandelelwano. Sizifumana kwisivakalisi sesithathu. Funa ke ezinye ezikuhlobo lolandelelwano uzibhale namaxesha azo.

Dwelisa impendulo:

Izenzi zohlobo lolandelelwano	Amaxesha azo
1.	1.
2.	2.

(4)

4.2 Kumhlathi wesibini kukho isifanekiso-zwi kumqolo wokuqala. Sikhethe ze usisebenzise kwesakho isivakalisi ukubonisa ukuba uyasazi.

Dwelisa impendulo yakho:

Isifanekisozwi	Isivakalisi
1. _____ (2)	1. _____ (2)

(4)

- 4.3 Kumhlathi wokugqibela kukho isilabalabi nesifezekisi saso. Sichonge isilabalabi uze usisebenzise kwesakho isivakalisi nesinye isifezekisi ingesiso esi silapha esicatshulweni.

Dwelisa ngolu hlobo:

Isilabalabi (1)
Isivakalisi (2)

- 4.4 Kwakulo mhlathi wesithathu kukho isibizo “ingonyana”. Yiyiphi inguqulelo zandi eyenzeke kweli gama? (1)

- 4.5 Xa inkwenkwe igade amathole ukuba angenyisi xa kusengwa kuthiwa yenzani. Ilapha esicatshulweni impendulo. (1)

- 4.6 Esi senzi siyimpundulo yakho ku 4.5, sisebenzise kwezinye izivakalisi ezibini sinike iintsingiselo ezimbini, ezahlukeyo kwisicatshulwa. Cwancisa impendulo yakho ngolu hlobo:

Isenzi	Izivakalisi	
_____	_____	(2)
_____	_____	(2)

- 4.7 Yakha isaci/iqhalo ngegama **mbila** elikumqolo wokugqibela womhlathi wesibini: (1)

- 4.8 Bhala isivakalisi sokugqibela kwesi sicatshulwa kwimo elandulayo. (2)

[40]

UMBUZO 5

- 5.1 Lungisa iziphene kwezi zivakalisi zilandelayo:

5.1.1 Abangafundiyo mabaxhothwe, sifuna iziphumo thina. (1)
5.1.2 Andiyityi intshabontshi nditya ithanga. (1)
5.1.3 Ezizindlu zakhiwe isidolobha. (2)
5.1.4 Sifi ke ukutshona kwe langa . (2)
5.1.5 Phakamama adle ululama ahambe ku kude eGoli. (2)
5.1.6 Labo bantu bayandicanukisa. (2)

- 5.2 Fakela oonobumba abakhulu nazo zonke iimpawu ezifanelekileyo:

kwathi kanti ujay ude wayinyibilikisa okwekhephu inyenyanane entliziweni kalindiwe ukususela ngaloo mini iingcinga zikalindiwe zathi nca kujayukudubana kwabokwityeli elilandelayoakuzange kungene moya phathi kwabo ujay wazincothula iingcambu zesityalo sothando emphefumleni kalindiwe ngokuphathelele kuthabo watyala esakhe esantshula okotyani obunkcenceshelwa ngumvimbi entlakohlaza.

(8)

ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBÉ INQANABA ELIPHEZULU (Iphepha Lokuqala) 121-1/1 U	8
--	----------

5.3 Lungisa ezi zivakalisi zilandelayo uzibhale ngendlela efanelekileyo.

5.3.1 Evela eGoli ufikile uNomsa kwayisekazi. (1)

5.3.2 Amalongwe basani nkuni xa kungekho. (1)

(20)

AMANQAKU ECANDELO C: [60]

AMANQAKU EWONKE: 100